education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)
IPHEPHA LOKUQALA (UVIWO) (P1)

NOVEMBA 2007

IMEMORANDAM

Le imemorandam inamaphepha ama-6.

ICANDELO A

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

ISICATSHULWA A

1.Ubomi buka' MaDleks' batshintshwa kukudibana kwakhe neentombi ezazinesifo uGawulayo. (1)

2.Le nkondekazi idibene nalo msebenzi mhla yayityelele intombi yayo uTheodora eKapa. (1)

3. Ndicinga ukuba kukho inkolelo yokuba ulutsha luya kumphulaphula umntu omdala lumhloniphe ngenxa yamava akhe.
[Qaphela : Apha silindele ukuba umvavanywa aveze iimbono zakhe. Kuya kwamkelwa iimbono ezivakalayo ezixhasa ukuthathwa kwenkondekazi kulo msebenzi]. (1)

4. Umbhali uzichaze ezi ntombi njengeentombi ezintle, ezintsha nezifundileyo kuba ufuna ukubonisa ukuba esi sifo asikhethe bani. Uyalumkisa ke ngoko umbhali. (2)

5. Ndiyavelana nabo kuba akukho mntu ufuna ubomi bakhe bunqanyulwe sesi sifo, ingakumbi ezi ntombi zaziza kushiya oonyana bazo beziinkedama.

[Qaphela: Apha sijonga impendulo enikwa ngumvavanywa ebonisa uvelwano/ ukungavelani nesizathu asinikayo] (3)

6. (a) Ndingabanika icebo lokuba mabasebenzise izikhuseli/ mabalinde phambi kokuba bathandane/ mabazikhusele kuGawulayo (umyalezo wolutsha) (1)

(b) Umyalezo wabazali- mabathethe nolutsha ngezothando baze bathi naxa umntwana sele enoGawulayo,nokuba umfumene njani na babonakalise inkxaso. (1)

7. Isifaniso okweempukane sidiza ukufa okuninzi nokukhangeleka kusenzeka lula, yaye kungalawuleki/ Iqondo eliphezulu olufa ngalo ulutsha ngenxa yesi sifo. (2)
8. Izaci/amaqhalo afanayo ngentsingiselo no' ilale kobandayo' ngala:
- inabele uqaqaqa
- itshoba lilele umbethe
- lwangcola ungele [naziphi na ezimbini kwezi mpendulo] (2)

9. Inkondekazi - umntu ongumama omdala ngeminyaka (1)
Ukuxhelek' emphefumlweni - ukukhathazeka (1)
Ukuphum'iphulo - ukuphuma nibaninzi (1)

AMANQAKU = [17]

ISICATSHULWA B

1.Ukusetyenziswa kwegama ' okwangoku' kunika intsingiselo yokuba okwalo mzuzu amathemba asabekwe kulo mqeqeshi, kusenokutshintshwa ingcinga angathenjwa. (2)

2. Bathi oonondaba sekuqale ingxwabangxwaba. (1)

3. Xa ezithethelela uParreira uthi injongo yakhe ngesi stayili sakhe somdlalo kukuba alinganise ukuvalwa kokungena kwamanqaku nokufakwa kwawo. (1)

4. Le ntetho ingawunceda uMzantsi Afrika ekubeni naye lo mqeqeshi azive amkelekile, alungise kakuhle iqela lesizwe elilungiselela unyaka wama- 2010. (2)

5. Unika umdla ekubeni uza kude eze na lo mqeqeshi weBafana - Bafana. Kutheni ingathi kukho ukudidiza nje apha ekuzeni kwakhe, uyabuza umbhali kodwa akalindelanga mpendulo. Uveza nje ukubetha-bethana kwengqondo. [Apha siza kuthatha impendulo evakalayo neveza ifuthe lokusetyenziswa kwesafobe esingumbuzo-buciko]. (2)

6. Xa enokungaphumeleli u'MaDleks' ekucebiseni ulutsha malunga nogawulayo ungathi ufika unyaka wama- 2010 kube sekungekho kwalutsha lokungenela iqela emalidlale kule midlalo yonyaka wama- 2010 kuba baza kube beswelekile okanye begula. (3)
[Apha ngumzekelo nje wendlela esilindele abavavanywa baphendule ngayo.]

7. UMaDleks udlala indima ephambili kuba angasindisa ubomi bolutsha oluninzi lusinde emlonyeni kaGawulayo, kanti uCarlos Alberto unokuwuhlangula uMzantsi Afrika ekubeni uthi ulilizwe ekudlalelwa kulo umdlalo ligqibe libethwe. (2)

[13]

AMANQAKU ECANDELO A: [30]

ICANDELO B

UMBUZO 2: ISISHWANKATHELO

Lo ngumkhomba - ndlela abanokunyathela kuwo abafundi kuba banokuba neembono ezahluka-hlukeneyo ngabakubona emfanekisweni.

- Umakhulu usentlungwini yokuswelekelwa sisizalwane sakhe okanye kubukelwe umntu oswelekileyo/ olimeleyo kwingozi osisihlobo okanye amazi kakhulu umakhulu.
  (Uluvo olunikwe ngumfundi luya kuqwalaselwa).
- Aba bantu beva isingqala esilusizi sexhegokazi kwanokulilela ezantsi, baza kuzibonela.
- Le nkondekazi yayicinga ukuba .....; kanti igquba elaliyilandela lona lalikhwankqiswe .....
- Udandatheko/ukuxheleka/ ukukhathazeka/ukumangaliseka/ ukothuka
- Ukuchukumiseka/intlungu/ usizi novelwano.

[Ngokwalo mbuzo kuya kuxhomekeka kwiimpendulo ezinomhluzi nezixhasiweyo ngabafundi.]

AMANQAKU ECANDELO B: [10]

ICANDELO C

UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1
3.1.1 Sisetyenziswe sasichaza isibizo / silandela isibizo esichazwayo/ sisetyenziswe ngaxeshanye nesibizo esichazwayo. (1)

3.1.2 Sisetyenziswe emva kwesimelabizo soqobo sokugxininisa/emva kwesimelabizo sophuhliso lubalaselo (1)

3.1.3 Ukongeza/ukugqithisa/ ukuphokela (1)

3.1.4 Sibonisa ubunjani. (1)
[4]

3.2
3.2.1 Kukufikeleleka okanye ukuba tshiphu/ ixabiso layo liphantsi (1)
3.2.2 Kukwenza into ngokufanayo nomnye umntu. (1)

3.3
3.3.1 ungahamba - Isenzo esinokwenzeka xa kukho imali/ isenzo esinokuhla okanye esinakho ukwenzeka (1)

3.3.2 Usafunda - isenzo esisaqhubekayo. (1)

3.4
3.4.1 Yintloko/ ngumenzi (1)
3.4.2 Injongosenzi/umenziwa (1)
[6]

UMBUZO 4

4.1 Usoze
(1)

4.2
4.2.1 Umntu owenza umsebenzi engenamncedisi (1)
4.2.2 Umntu ngamnye makazikhathalele (1)
[3]

UMBUZO 5

5.1 Ukutyeba (1)
5.2 Ubuxelegu/ukurhala/ukubawa (1)

5.3 Abafazi abafuneki nganto, umcimbi wabo ziimbiza kuphela. (1)

5.4 Ongezanga namhlanje uya kufika siqwelile. Igama ngu 'namhlanje
Yizani komkhulu kuphela, kulapho kuhluthwa khona.
Igama - kuphela/ kulapho kuhluthwa khona. (2)
[5]

UMBUZO 6

6.1 Sihambelana nomfanekiso B, ekudlalwa ibhola kuwo. (1)

6.2 Le ntetho isetyenziswa xa kuza kuhlangana oomahlalezondana. (1)

6.3
6.3.1 Ukutsibela/ukutakela ibhola ngenjongo yokuyingquba ngentloko (1)
6.3.2 Amantombazana ayaqabana/ayathandana/ ayabukana. Zonke izivakalisi zabafundi ezinesixando sokwenzana ziya kuqwalaselwa. (1) .
[4]

UMBUZO 7
- endilinqwenelayo < endiyinqwenelayo (1
- owam < elam (1)
- ndiyifunayo nto eyona < eyona nto ndiyifunayo (1)
- sihambe < ahambe (1)
[4]

UMBUZO 8

8.1 Wenzela ukuba ibe nomtsalane kubathengi ingakumbi ulutsha. (1)

8.2 Kuluntu luphela, ulutsha nabadala, kuba izihloko ezikolu qweqwe zibafanele bonke/ kujoliswe ikakhulu kulutsha, kuba kukho isihloko esingolutsha nesikolo, umfanekiso oseqweqweni ungonomtsalane kulutsha, nesihloko esingeziyobisi sihambelana nolutsha.

[Qaphela: Apha siya kujonga iimpendulo zabavavanywa nendlela abazixhasa ngayo] (2)

8.3 Iqaqambisa ubuhle bemagazini/ yenza umtsalane kubathengi/ isetyenziselwa ukunxulumanisa izinto esikholelwa kuzo.
[Nayiphi kwezi mpendulo yamkelekile] (1)
[4]

AMANQAKU ECANDELO C: [30]

AMANQAKU EWONKE ELI PHEPHA: [70]